Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com


7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'Ukubethwa ngemvaba' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Okuhle ' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'UWG Bennie' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Watsha umzi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Amatshivela' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |
| **QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. | | | |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 13 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 13 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 26 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 26 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UKUBETHWA NGEMVABA – SEK Mqhayi**

Ngamaxesha andulo ubisi lusagcinwa
Ngeemvaba emizini, umnumzana othile
Wasuka wabambana nenkosikazi yakhe
Wathabatha imvaba wayityundyutha ngayo.

Kwathi ngexa lokuhlwa ethulula ubisi
Suka lwazekelela ukuphum' emvabeni.
Wayivula ngomnwana wabuya nent' emnandi
Efana namafutha akusa emlonyeni.

Waxakwa yile ncasa kodwa wacing' icebo,
Kwasuka qho aqhwaye ingxabano ngelize,
Aphange emvabeni atyundyuthe umfazi,
Kuvel' amafuthana okuqab' esonkeni.

Yazingisa le nkqubo mihla le wanomsindo,
Yaxakw' inkosikazi sisimilo esitsha
Sendoda, phof' incoma ingabethwa ngenduku,
Ngokwezolo, ibethwa ngemvab' ethambileyo.

Isiphumo sobetho sabamnandi nakuyo,
Ukuqatywa kwesonka ngamafutha amnandi,
Kuhliswe nangobisi kulandele intlahla,
Nobubele kwindoda emva kwezo ngxabano.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Sekudala indoda yabhaqa ndlela yimbi
Yokwenz' amafuthana yafuthelana nomthi,
Iwubethe ngemvaba. Yaphuml' inkosikazi.
Yaba kubhaqwa oko ukwenza ibhotolo.

Sebenzisa isakhiwo (iploti), umxholo nolwimi ukutyhila ukuba lo mbongo uyabalisa.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**OKUHLE – ZS Qangule**

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,
Iwadlakaza amanani njengesiNgesi.

Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
Kwakuthi khinxi kukhululwe <u>ngezayo</u>.
Yaba yiminyakana idudulela phambili,
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
Yaba mbalwana yabhavumlela kude,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngeha<u>gu,</u>
Yabila ingqondo yona okweyega<u>gu</u>.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela,
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

Qondo le-BA **walixway' emhlana**,
Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
Lachach' ixhego nexhegwazana,
Khanyisa mzi babone kudana.

2.1 Nika zibeziBINI izenzo ezihle zenkwenkwe ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Xela ukuba uthetha ngabani umbongo kwigama elinomgca ngaphantsi kumqolo we-6. (1)

2.3 Caphula imiqolo emiBINI eqaqambisa ubunzima elalikubo ikhaya lenkwenkwe kwisitanza se-3. (2)

2.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza se-4. (1)

2.5 Luzisa luvakalelo luni ubaxo olubhalwe ngqindilili kwisitanza se-6. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukuqaqambisa ukuzinikela njengesixhobo sempumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UWG BENNIE – SEK Mqhayi**
'Konke akwenzayo wokuphumelelisa' (*Ndum 1:3*)

ULusingasinga ngumdaka kaBhene, -
Uvelel' iimbombo zomhlaba;
Uyise wentetho kaXhosa, -
Enqunq' amabatha namakhwiniba;
Angangqin' okaCingo nokaNdawo;
Amathol' aseMpumalanga.
Buza kokaMbangeni;
Amathol' aseNtshonalanga.

Bayalaz' ithole lomJingqi, -
Iint' ezingabuyi ngamv' edabini.
Umagwaza ngemfund' eluhlangeni,
Avike ngengweletshetshe yevangeli.
Goduka nto kaBhen' ufezile,

Wagqiba woyisa kwancameka;
Lusingasinga lujong' awophayo,
Lubophe ngoMathunga waseGiliyadi,
Arhashaz' amathamb' ezihlanjeni, -
**Libuyel' ithambo kwithambo lalo.**
Hamba mfo kabawo!
Njengel' enkulu yakwaThixo!
Ncincilili!!! Bham-Dovalele!!!

3.1 Nika zibeziBINI izenzo ezihle zikaBennie ngokwesitanza soku-1. (2)

3.2 Xela ukuba uthetha ngabani umqolo we-9 xa uthetha ngethole lomJingqi. (1)

3.3 Caphula imiqolo emiBINI equlethe izixhobo ebezisebenzisa okaBennie xa ezama ukuphumelela ngokwesitanza se-2. (2)

3.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kwisitanza se-2. (1)

3.5 Uzisa luvakalelo luni umqolo obhalwe ngqindilili kwisitanza se-3? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukwenza ukuba amaXhosa amthande uBennie? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**WATSHA UMZI – Nontsizi Mgqwetho**

Amaxesha obumnyama agqithile
Neza mini zobudenge ziphelile
Ungumbulali na wena njengoKhayeni?

Zatsho ngentsholo iintombi emlanjeni
Ezasemathanga nasemanxuweni
EzakwaMshweshwe noLangalibalele
Velani nkokeli khe nisichazele.

Halahoyi ma-Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomhlaba
Kwahluthw' amakhaya kunye nobukhosi
Namhla ooNozala bahamba ngePasi.

Hayi ukuhlala kwawo wodwa umzi
Nokungenwa kwamasango alo mzi
Obantu babenikwe iintsikelelo
Namhla simanga ngumzi weembandezelo.

Ziphi na iinkokhelikazi ze-Afrika?
Sancama namhlanje thina mzi kaNgqika
Wakhonkxwa na Afrika ngamakhamandela?
Bathini bona abadlula ngendlela?

Baza amehlo kade ndandibona
Akakuxelelanga na uNtsikana?
Sadlala ngoThixo wethu kubeLungu
Namhla izwe lethu yinkqu yeshologu.

Watsha umzi luphawu lukaKhayeni
Ungumbulali na wena njengoKhayeni?
Nezidenge eAfrika mazivuke
EDekapolis nezidenge zavuka.

4.1 Nika isenzo sikaKhayeni nesenzo sabantu abakhalazelwa ngumbongo esifaniswa nesakhe. (2)

4.2 Xela ukuba umbongo uthetha ngeentombi zasiphi isizwe ngokwesitanza se-2. (1)

4.3 Caphula kwisitanza se-3 imiqolo emiBINI eqaqambisa ingxaki okuyo umzi othetha ngawo umbongo. (2)

4.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kwisitanza se-4. (1)

4.5 Kuzisa luvakalelo luni ukusetyenziswa rhoqo kombuzo buciko kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukwenza abantu bavuke, bazibone ukuba abanagalelo lihle kwingxaki ekuyo i-Afrika? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMATSHIVELA – John Solilo**

Amatshivela mathathu elizweni;
NgooAsindim! Andazi! Andikhathali!
Kwimizi ngemizi ayabonwa;
Kwimizi ngemizi ayaziwa.

Ayabhoxa eson'iinto zabantu,
Ayazona ezigqib'iinto zethu,
Ayazon'izimilo ezingcwele,
Ayayon'imizimba emihle.

Ziingxaki zonakalisa ilizwe,
Ngamatshivel'angenakunqandwa;
Ngabandlela isinga ekufeni,
Bayasenga, betsala amashwa.

Walweni niwagxothe, makhaba.
Xa babiza awab'amagama,
Bayavuma, besenza iingoma –
'Asindim! Andazi! Andikhathali!'

Esona sono sikhulu,
Kweyab'ivangeli enkulu,
Kukubhaqwa, kubonwe, kubanjwe;
Baqale ukuvuma ityala:

'Ndoniwe, ndalahlekiswa ngumntu,
Ndiyazisola ngokulandela umntu.'
Int'embi abazanga bayenza,
Isono abazanga basibona!

Inguquko ikude lee kubo,
Intshabalalo lelabo iqasho.
Xa bethetha eyab'inyaniso,
Bayafunga bethetha besithi,
'Ngokwenene ndifung'uSitshantshathela!
Andazi! Asindim! Andikhathali!'

5.1 Caphula kwisitanza soku-1 ibinzana elithetha ukuba amatshivela asingowekhaya elinye. (1)

5.2 Nika zibeziBINI izenzo zobutshivela ezikhankanywa sisitanza se-2. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.3 Chaza indlela isitanza se-3 esikubonakalisa ngayo ukuxhalaba kwembongi ngezenzo zamatshivela. (1)

5.4 Chaza ifuthe leempawu zocaphulo ezisetyenziswe kwimiqolo 16, 21 no22. (1)

5.5 Cacisa intsingiselo equlethwe yimpoxo ekumqolo wa-23. (1)

5.6 Nika intsingiselo yomqolo wa-24. (2)

5.7 Uyangqina ukuba ngokwesitanza sesixhenxe ancanyiwe la matshivela? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

'Ungaxhali akazokuhamba lula kuphando lwakhe, ndikho.'(*Iphepha 74)*

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

'Lo mfo uyasilwa, ngoku ke nathi kufuneka simlwe nganxa zonke. Ukuba akakufuni ukusebenza nathi kungcono athathe i-*transfer* aye kuluma kwenye indawo. Into yobumpimpi ayizange yaxoleleka nakowuphi na umsebenzi', watsho ebetha ngenqindi etafileni uMfuneko.
'Uyabona ke, kufuneka nathi sirhubuluze phantsi kwakhe okwenkwili. **Ulula *maan* uMapheza.** Masingamngxameli ngowethu.' Watsho uNqoza esithi xum encokweni, emamela.

Downloaded from Stanmorephysics.com


'Inyoka ke yagwetywa kwasemyezweni waseEden. Nathi ke kufuneka siyityumze intloko,' watsho uMfuneko.

Beva uNjinga ekhwaza esekude igama likaNqoza. Wathi, akukroba, wayibona ingqonyela ilandelwa nguMapheza besiya kungena eofisini yayo. Uphume embombozela kukubizelwa endaweni enoMapheza awayengasanqweneli kumbona phambi kwamehlo akhe. Wayengasazi ke ngoku nokuba lo Mapheza uphinde wamkila na kwabakhulu.

Wafika eofisini kaNtsumpa wamamela ukuba ubizelwa ntoni na. Akuba uNqoza ethe akukho nto axakeke kakhulu yiyo, uNjinga umcelile ukuba ancedise uMapheza ekuphandeni ngokugwintwa kukaYangaphi. Waphuma kuloo ofisi uNqoza efutha ngumsindo. Wayecaphuka ngendlela ebonakalayo. Wayengacatshukiswa kukuthabatha umyalelo wentsumpa koko wayecaphukela lo mntu aza kwenza naye uphando. Impimpi kantamnani!

Wathi akucinga, wafumanisa ukuba ngevuye waxhumaxhuma okomntwana ukuba olo phando ebeza kulwenza noMfuneko. Wangena eofisini sel'emoya wumbi. Wathi uMfuneko akumbona ukuba akacacanga, wambuza ukuba embembizela ntoni uNtsumpa.

7.1 Nika ubungqina obukwisicatshulwa bokuba uMfuneko noNqoza bayasebenzisana. (2)

7.2 Xela isenzo sobumpimpi atyholwa ngaso uMfezeko ngokwesi sicatshulwa. (2)

7.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo zobunkwili abazenzileyo uNqoza noMfuneko ukulwa uMapheza. (3)

7.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba wabalula na uMapheza ngokwamazwi kaNqoza abhalwe ngqindilili. (4)

7.5 Ingaba ukubayedwa kukaMapheza kwicala lomthetho kuyalomeleza uluvo lokuba umthetho unamandla kunolwaphulomthetho? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

'Jong'apha, wena xokindini lexhwele, ubungatshongo kum kusasa ukuba uMapheza umtshise waluthuthu, emva koko waya kuluchitha etiphini?' Wothuka ngokungazenzisiyo uSiphongo akuva uMfuneko esilwa ngolo hlobo. Yammangalisa le nto ayibuzayo kuba ngenene nangenyaniso uMapheza wayemtshise wangumlotha ngokwazi kwakhe.
'Andiyazi le nto uyibuzayo Mnenga,' watsho ngelecawe uSiphongo.
'Yintoni ongayaziyo? Hi! Ngoobani aba ubenza izidenge zakho?'
'Khawume ngokulwa mfondini, ndicacisele kakuhle ngale nto uthetha ngayo.'
'Into oyifunayo yimali kodwa umsebenzi wakho akuwenzi ngokupheleleyo. Waqhela ukuqhatha izifombo ngokuthi mazikuthwalel'iinyanda zeenkuni iza koluka imiqolo yazo!' Ufike esitishini ke mfo apha kum! Mamela ke ukuba uyathanda.
'Laa Mapheza uthe umbulele ngomlilo wakho, ukhona uyaphila. Ndivela kuye kowabo. Uthini ke ngoku? Xoka futhi! Uman'usithi apha unovutha ongacinywayo, uxoka!' watsho uMfuneko ecinga into yokuba kudala esiva ngobuxoki bamaxhwele angoonyelangamathe. Kokwesibini ngoku eli lingawenzi ngempumelelo umsebenzi walo.
'Umbonile wena ngamehlo uMapheza?'
'He maan, ndithi uMapheza ukhona uyaphila!, Mus' ukundibuza ububhanxa apha. Ucing' ukuba bendiza kuthetha loo nto kanti andimbonanga?' Wasuka wakhohlwa uSiphongo akuthukwa ngulo mfana.
'Okokuqala, ukuba ufuna ukubona apho ndimtshisele khona uMapheza, ndicela ukuba ufike apha uzokuzibonela, Mnenga. Okwesibini mfanandini, ndifuna uzokundibonisa lo Mapheza uthi usaphila ...'

7.6 Chaza igalelo lesimo sentlalo esikwesi sicatshulwa kulwaphulomthetho olukule noveli. (2)

7.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba uMfuneko ambone elixoki lexhwele uSiphongo. (2)

7.8 Cacisa ifuthe lale ngxabano ikwisicatshulwa kwimpixano engokugcinwa nokwaphulwa komthetho. (2)

7.9 Ngqina ukuba uSiphongo akakholelwa kumazwi kaMfuneko akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

7.10 Yiba nguMsindisi uvakalise umothuko wakho ngalo Thantaswa ungasafaniyo nalowa wawuhlangene naye ehayikha eMthatha. (2)

7.11 Nika imfundiso engokuthembana kule noveli. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

'Nam ndakuba mdala ndiya kubanje ngalo mntu.' (*Iphepha 52)*

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYAMA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

'Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje ucinga wobasafunda into eyiyo?'
'Indawo sendiyifumene. Mayela nobudala, imfundo ayizanga yabanamntu mdala, ngaphezulu ndicinga ukuba **ndim oyena mntu oya kufunda into eyiyo** kuba sendikhe ndabethwa lilizwe, ndilazi ixabiso lemfundo.'
'Uyifumene phi indawo?'
'EDikeni.'
'Hayi ke mfo wam xa usitsho andimi phambi komsindo wakho, indab' inendodana uyise akanatyala.'
Laba liwa phantsi ke ibhunga labathathu. Wathi akuziphalaza kuNofundile noMaNtuli uFikizolo iindaba zokuba uMangaliso ujonge ukuphindela esikolweni badana kuba babengasalindele ukuba uMangaliso usacinga ngokuya esikolweni, kodwa ke bayeka, baba bafa namthanyana kwinto ababeyicinga.
Kwiveki yesibini kwinyanga yoMqungu wayibopha yancinci uMangaliso esinga eDikeni njengoko izikolo zazivulwa kwiveki yesithathu. Enziwa kangako amalungiselelo omntu oya esikolweni kwaFikizolo noxa wonke umntu wayengathembi, kangangokuba wade wavakala esitsho uFikizolo ekuphumeni kukaMangaliso esithi, 'Hayi ke mfo wam sendothemba xa ndifumana incwadi yakho usithi useDikeni.' Okunene into yokuqala awayenzayo akuba efikile eDikeni kukubhalela uFikizolo emxelela ukuba uhambe kakuhle kwakunye noThozama emxelela ukuba usesikolweni. Impendulo evela kuThozama yakhawuleza ukubuya ngokungathi ngumntu lo obehleli eyibhalile incwadi, emkhuthaza ngamazwi anzulu. Yafika incwadi kaThozama ngenqwelo yomoya inesikhova ...

9.1 Nika ubungqina obukwisicatshulwa bokuba uFikizolo, uMaNtuli noNofundile bayasebenzisana. (2)

9.2 Xela ubudala bukaMangaliso athetha ngabo uFikizolo kwesi sicatshulwa. (2)

9.3 Chaza izinto eziNTATHU ezingqina ukuba uMangaliso ukhe wabethwa lilizwe kule noveli. (3)

9.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba uMangaliso uye wafunda into eyiyo ngokwamazwi akhe abhalwe ngqindilili. (4)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.5 Ingaba ukubayedwa kukaMangaliso kwicala lokukhusela isifungo sokubangumfundisi kulomelezile uluvo lokuba iinjongo zobomi zifuna umninizo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Wawuqhuba uMangaliso umsebenzi wenkonzo ngenyameko enkulu eGeorge Goch, ethandwa, ehlonelwe ngabantu. Lwancipha uselo tywala nezinto-yinto ezibangwa lulo; baguquka ootsotsi; bancipha ubugebenga; yaye nentombi yasemaBheleni uThozama incedisana naye ngamandla ekuwuqhubeni umsebenzi wenkonzo iseka izikolo zecawa apho umthinjana nomlisela wawuthi uqokelewe khona kusenziwa izinto zenkqubela. Yanda iminyhadala yemiculo nemidlalo ebukekayo yokonwabisa abantu ngeempela-veki. Baseka umbutho wabazili wabantu abadala noweqela lethemba wolutsha. UMangaliso wayenenkolo enkulu kwinto yokuba <u>abantu bakungabinanto bayenzayo kulula ukuba uSathana abafunele umsebenzi.</u> Yaduma yayiloo nto ke iGeorge Goch ngeSpes Bona yayo, kwalapho zazingenela khona iingqungquthela ezinkulu zamaWesile.
Enye into awayekholelwa kuyo uMangaliso ziimvuselelo, eyicacisa kakhulu ebantwini into yokuba inkonzo yaseWesile isekelwe phantsi kweemvuselelo, zakungabikho iimvuselelo abuphelelanga ubuWesile. Wathi rhoqo ke, wabagcina abantu baseGeorge Goch ngeemvuselelo, lizale elo bhotwe laseSpes Bona ngomhla wemvuselelo kungabikho nendawo yokuhlala, kubuye nabasezinkomponi komaGermiston abantu, andithethi ke bona baseCity Deep kwaMangqukela inkomponi eyayikufutshane apho eGeorge Goch beguquka abantu lusanda uManyano lwamadodana namakhosikazi. 'Yitshoni bafo bam!' yatsho indod'enkulu ingena kwenye yezindlu zenkomponi kwamaNgqukela ekuseni ngeCawa ibulisa isibini sabafana esasingqengqile sizithe qwa iintloko sincokola. Ukuba wawukhe wayimamela loo ncoko yabo wawungafumanisa ukuba ingemvuselelo ...

9.6 Chaza igalelo lokuhlalisana kakuhle okukwesi sicatshulwa kubomi bukaMangaliso. (2)

9.7 Nika zibeziBINI izizathu zokungqina amazwi kaMangaliso anomgca ngaphantsi ngeGeorge Goch. (2)

9.8 Cacisa ifuthe lentsebenziswano kaMangaliso noThozama kwimpixano engokungahambelani kobutshijolo nobizo kule noveli. (2)

9.9 Ngqina ukuba abafo basenkomponi bayakholelwa kwiintshumayelo zikaMangaliso. (2)

9.10 Yiba nguThemba uvakalise umothuko wakho ngalo Mangaliso ungasafaniyo nalowa wawuhlangana naye eGcuwa. (2)

9.11 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaThole sokuba liqgirha ezazi ukuba ufuna ukubangumfundisi. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

'Mkhulu uThixo wakho Mfazwe!' (*Iphepha 156*)

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Ndandifuna nokuyaleza kwabebanga leshumi ukuba bagqibezele esiya sahluko singokulwelwa kwenkululeko ngamazwe aseAfrika. Luthe lwakuvalwa ucango ndanethemba lokubona mntu, kodwa intoni, ndakhawulelwa ngengxowa enuka umchamo, yathiwa gungxu apha entloko ndabe sendityhalwa ngemva ukuya kukhweliswa enqweleni eyayiziswe ngomva apha esiseleni, seyivulwe iimpundu ezi ukundamkela. Ndagityiselwa phezulu, ndabetheka ndaya kuwela ngaphakathi evenini emva kokuba ndikhe ndakhiwa ezimbanjeni tyam ngemvubu latsho lanyela eli cala langasekunene.
Yaxhuzula iveni yatsala, ndathi xa ndihlala ngeempundu, yaqhotyoshwa xhikri, ngxi yema, ndathi kuba ndingababambelelanga ndawo, ndatshibilika ndaya kubetheka entla. Ukuba yayingeyongxowa endandigungxiswe yona, ngeyayindiqwenge ndaphela inja endaya kuntlaleka kuyo phaya entla. Ndithe ndikhalima ndisithi, suka nja, yabe isitsho *intsini yeziya zinja zimbini ngaphambili*, incedisa ukukhonkotha kwenja eyayigqiba kundingqavula. Ndinyonyobele kude enjeni, ndatshela apha ecaleni lenqwelo, yavutha ukuya apho ndingaziyo. Yayisithi ukusuka kwayo, ekubeni ibikhe yemisa, ithi ukuxhuzula, inja itshibilike izokubetheka kum lisuke phantsi idabi, indingqavulele ukundibona oku. **Yayibamnandi le nto** kookhakhakha kuba babeyihleka de bakhohlele. Ukuba nje kwakunokususwa entloko ingxowa eyayindivale ngevumba lomchamo wenkwenkwe endala kwakungaba ngcono.
Yaphaphatheka isithukuthezi inqwelo, yathi yakumana isithi swenye ngapha nangapha, ngathi linxila liphepha izicithi, ndaqonda ukuba ifikile eXerha.

11.1 Nika ubungqina obukwesi sicatshulwa bokuba ngale mini isifundo sasingokulwela inkululeko. (2)

11.2 Xela ubumpimpi atyholwa ngabo uMfazwe kule noveli. (2)

11.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo ezibangela ukuba kwisicatshulwa abizwe ngezinja amapolisa. (3)

11.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba kwabamnandi lade laphela na ibali emapoliseni ngokwamazwi abhalwe ngqindilili. (4)

Downloaded from Stanmorephysics.com


11.5 Ingaba ukubayedwa kukaMfazwe kwicala lobutshantliziyo kulomelezile na uluvo lokuba ubutshantliziyo bunamandla kunengcinezelo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

Alizange litshone elalo mini zahlangana izinto ezinkulu. UKhonjwayo umi kwinto yokuba makutshintshwe ixesha lokuya kuthintela abavukeli-mbuso, lingabi lilixa leshumi ebusuku koko ibe yintsimbi yeshumi elinambini.
'Jonga Siqhwala, mna andizi kuva ngawe, andizizo eziya zibhanxa zakho uNyama noNtshebe.'
'Balungile kaloku xa bezizibhanxa zam, kodwa ke mfondini eli xesha ulibekayo lisemva kakhulu. Ukuba kukhe kwemkiwa apha ngeyeshumi elinambini kuyakufana nokuvala isibaya amathole sele etsibile.'
'Phambi kokuba siqhubele mgama, khawundiphe isizathu sokuba ukhethe eli xesha?'
'Obu bugqwetha bakho akuzi kubulola apha kum. Andizi kuphendula, mibuzo yakho. Kuza kwenziwa le nto ndigqibe kuyo.'
'Uyaqonda phofu ukuba bubomi babantwana babantu obu ugqiba ngabo wedwa Khonjwayo?'
'Kungcono ndigqibe ndedwa kunokuba ndigqibe nempimpi.' Ndothuka ndatsho ndanomchanyana ingakumbi xa ndisiva le mpi isimameleyo ihleka. UKhonjwayo uyithatha phi ngoku le ayithethayo? Makube ukho ombaliseleyo kwezi ntwana zivela ngasekhaya.
'Ngubani impimpi Khonjwayo?' Kwizinto endingaziphiwanga umsindo yenye yazo. Ndawuva usiza ndazama ukuwubamba, kodwa impendulo kaKhonjwayo yawuvuthela.
'Ucinga ukuba akwaziwa ukuba uyaxela Siqhwala?' Kwakusele kuthe wayi-wayi ngamaqabane kwindawo esasikuyo, kuba umfo lo wayethethela phezulu. Ukuba andinakwenza nto ngoKhonjwayo kuza kufuneka ndimbaleke naye ndixele uFriday, yandixelela ingqondo yam.

11.6 Chaza igalelo lesimo sentlalo sexesha lengcinezelo kubutshantliziyo obukhuliswa kule noveli. (2)

11.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba uKhonjwayo abone uNyama noNtshebe njengezibhanxa zikaMfazwe. (2)

11.8 Cacisa ifuthe lengxabano ekwisicatshulwa kwimpixano engokungcikiva nobutshantliziyo kule noveli. (2)

11.9 Ngqina ngebali ukuba uKhonjwayo akakholelwa kwintetho kaMfazwe ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

11.10 Yiba nguNokuzola uvakalise umothuko wakho ngalo Mfazwe wasemva kwengcinezelo. (2)

11.11 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaMfazwe sokungamthembi uNokuzola kule noveli. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ndimkhulu ngokugqithisileyo.' *(Iphepha 34*) Ngqina ukubamkhulu ngokugqithisileyo kukaMvundla ngokwentsomi ethi, uMvundla neengonyama kunye nokususwa kwedyokhwe yobukhoboka emntwini ngokwamazwi athi, '… makususwe idyokhwe yobukhoboka emntwini,' *(Iphepha 149*) ngokwesibongo nguRhulumente wethu lo!

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**INTSOMI KADELI NODELIWE**

Kwahlala kwahlala kwayintsomi. Kwiinduli zaseLatakisa kwakukho abantwana ababelekelana, uDeli noDeliwe. UDeli wayeyinkwenkwe, uDeliwe eyintombazana. Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe. Babesithi uDeliwe mbi kuba wayenesifombo. Yayimhlupha le nto uDeliwe kuba wayehlekwa nguDeli esithi bekufanele ukuba akangowakowabo kuba akuzange kubekho sifombo kowabo, siyaqala ukubakho ngoDeliwe. 'Kunokwenzeka ukuba wacholwa usemncinci wakhuliswa apha ekhaya,' wayehlal'ahlale atsho uDeli enkqonkqa eso sifombo.
Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe, Deliwe!' Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uzakusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe! Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'hi-i-i ndibengathi andinambeko.'
'Uhlalele ntoni kalusizi kwaNti?' labuza ilizwi.
'Ndithunywe ngumakhulu ngaphaya kwezaa ntaba, ndililolo, le ndlela inde inamaqhina iyandiqoba, ndandikade ndingayiva kuba umnakwethu uDeli wayedla ngokundikhapha, sihambe sincokola, sihleka intsini, sileqaleqane side sizibone sesifikile. Ngoku udiniwe

Downloaded from Stanmorephysics.com

ndim akafuni nokundibona, ndiyintlekisa kuye ngenxa yesifombo sam, nabazali bam abandithandi basoloko bendinyhukula nangento nje encinci. Ndisisigculelo sokuxelelwa ukuba andizalwa naye, andisathethi ngabantu elalini, abafuni nokundibona. Xa kuyokuthezwa ndihamba ndedwa, ndicwezele kwabanye kuba abandifuni. Xa kusiyiwa emlanjeni ndihambela kude nabanye. Sendazikhethela ukuya ngomsobomvu bengekayi abanye abantu okanye ndiye ngokuhlwa, yiyo nale nto ndibhontebhonte zizilonda ndisolwa ngumlambo. Lingatshona ilanga ndikubalisela ngentlungu yobukheswa bam.'

13.1 Nika ubungqina bokuba uDeli noDeliwe abasebenzisani kule ntsomi. (2)

13.2 Xela ubulolo azichaza ngabo uDeliwe kwesi sicatshulwa. (2)

13.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo zenkohlakalo abazenzileyo abazali bakaDeli noDeliwe. (3)

13.4 Cacisa ngeengongoma eziNE iziphumo zempathombi ayifumanayo uDeliwe ngokwale ntsomi. (4)

13.5 Ingaba ukubayedwa kukaDeliwe kwingxaki yokucalulwa kulomelezile na uluvo lokuba ukuthandaza kunamandla kunenkohlakalo kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (2)

## KUNYE

## ISICATSHULWA H

**ENKOSI STEVE BIKO**

……………
A! Mzantsi-Afrika!
Hayi! Hayi! Ndiyayithanda le ndoda andizenzi
Ndizibuz'umbuz'umhla nezolo, 'kutheni na?'
Andizange ndambona *mos,* ndimbon' emifanekisweni!
Kaloku le nt' ingumzabalazo ndizelwe seyisecicini
Yena ke ebesele emnabel' uqaqaqa.
Oooooo! Ndiyasibona ke ngoku isizathu.
Yile mfundo ingakhethe bani, zezi zikolo zingakhethe bani.
A! Mzantsi-Afrika!

A! Mzantsi-Afrika!
Ndiyafunda kaloku kuba ndifundisiwe ndaye ndifundile.
Ndifunde ndafunda ndabon'ukub'usilwele isizwe esintsundu,
Ndabon'ub' uyisindisil' inkedama emlonyeni wengonyama,
Ndabon' ukub' umsindisil' umhlolokazi emlonyeni wengonyama,
Yafund' inkedama wathethelelw' umhlolokazi
Kanti ngaloo ndlela uhamba aph' uBawo asithuma khona.
Ukuba sinced' abangenamandl' okuzinceda
A! Mzantsi-Afrika!

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.6 Chaza igalelo likaSteve Biko eMzantsi Afrika ngokwesi sibongo. (2)

13.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba isithethi simthande ngokungazenzisiyo uSteve Biko ngokombongo. (2)

13.8 Cacisa ifuthe likaSteve Biko kwimpixano engobuthandazwe nengcinezelo ngokwesi sibongo. (2)

13.9 Xela zibeMBINI iimpawu zesibongo ezikwesi sicatshulwa sombongo. (2)

13.10 Yiba nguSteve Biko unike umyalelo onikezela uxanduva kulutsha lwanamhlanje wakuba ufunde lo mbongo. (2)

13.11 Chaza ukuba kutheni isithethi sisebenzisa isakhi u-ndi? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Iminqweno yabanye abalinganiswa engenelelayo ibangumqobo ekuzalisekeni komnqweno womlinganiswa. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | *(Uyacula) It is the old time religion, It is the old time religion, It was good enough for my father, It was good enough for my mother, It is good enough for my sister, It is good enough for me-e-e.* |
| UMZAMO: | Awu! Awu! Awu! *Boy-boy!* Kodwa ntanga wenziwa yintoni le nto uyithanda kangaka le ngoma? |
| UGUGULETHU: | Andithandi yona yodwa, yonke into eyingoma ndiyayithanda, kuba kwa ukudalwa oku kwam ndililhule lengoma. |
| UMZAMO: | *Chief* mfondini andibanga sakugrumba, <u>ndikhe ndakuva uthetha ngokurhawula igqaza kulaa mtshato</u>. Ingaba liliphi mfo, andilazi? |
| UGUGULETHU: | Utyaphile ubuze ntanga, kunjalo ndifuna siyirhawule sobabini. |
| UMZAMO: | Khawutsho ndive Bhas'omkhulu. (*Eqongqotha inqawa efakela.)* |
| UGUGULETHU: | Unyanisile ukuthi akulazi, eneneni andizange ndithethe ngalo mntwana kuwe. Lo mntwana *Chief* ngowangapha kuTsolo, kule ndawo kuthiwa kuseNgcolosi. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| UMZAMO: | Ewe! |
| UGUGULETHU: | Lo mntwana sasifunda kunye kwa*Bly*. Ndaqala ukumbona apho, ndamthanda, ndamthanda ngolona hlobo lungathethekiyo. Hayi ke nkabi ndazama ukuzitsholololo, kodwa ke ntanga andizi kuxoka wandikhaba, wandikhaba ngaw'omane. |
| UMZAMO: | Uthini na mfondini? |
| UGUGULETHU: | Inene ntanga, ndithetha iminyaka emithathu yaphela nqu, ukuba kude kube nanamhla. Phofu intombi yomfo inesimilo, asiyondlavini, ithetha kamnandi, ayimki kakhulu ijikeleza apha kufutshane ufune ukucinga ukuba iza kukufaka ... |

15.1 Xela babebaBINI abantu abadala ebhekisa kwizenzo zabo ingoma ethi, '*It is the old time religion'* ngokwale drama. (2)

15.2 Nika uluvo olungunozala wempixano ekule ncwadi ngokuthathela kwingoma ayiculayo uGugulethu. (2)

15.3 Caphula isikweko uze uxele nefuthe laso kumazwi kaMzamo akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

15.4 Chaza ukuba isimo sentlalo siyiphembelela njani impixano kule drama. (2)

15.5 Atyhila luvakalelo luni amagama '... ndamthanda, ndamthanda ...' kwintetho kaGugulethu? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU indlela umxholwana wothando okhokelele ngayo kwisiphelo esiyintlekele kule drama. (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Amazwi owawathethayo ngawaphi? |
| UZWILAKHE: | Hleze kuthi kanti ndiwalibele, mandikucele Hlubi undikhumbuze. |
| UGUGULETHU: | Utheni kum ngokufunza? |
| UZWILAKHE: | Ndithe umdala akuntanga yakufunzwa. |
| UGUGULETHU: | Ngoku wenzani? |
| UZWILAKHE: | Ndenzani ngani? |
| UGUGULETHU: | Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa? |
| UZWILAKHE: | Mfana wam ndimdala, ndimdala nje andizanga ndaxoka. Ndingazanga ndaxoka nje andizanga ndaba yiyo le nto kuthiwa liwexuwexu, into ethetha apha, ithethe phaya. Musa ukufuna ukundenza loo nto ngoku ndigugayo. Ukuba ndiyajika ngoku kule nto ndoba ndizenza ixoki newexuwexu. |
| UGUGULETHU: | Ixoki lona sewuzenze lona Rhadebe ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza. Uyabona ke mandikuphe le nyaniso. Nosana olu sewulufunza, ukuba ukutya alukufuni, alukufuni. Woda usuke ulukakaze, lukuginye nzima lujambalaza lungenakunceda kuba lusoyiswa ngamandla. Womana uluvingca iimpumlo ulufuthanisela usithini, lungenakunceda. Kanti ke yingozi leyo kuba usana losuka lurhaxwe, ukutya kuhle ngandlela zimbi kuba alukuginyi ngakuthanda. Kuza kubanjalo ke apha kum. Ndithe andiyifuni nje laa ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna. Ungayithatha ke ngokubona kwakho, kodwa akuyithatheli uGugulethu, uGugulethu yena uza kubuye umthathele owakhe umfazi amthandayo. |
| UMTHETHO: | Uxolo mfo wethu khendisabele apha kuwe. Uthi akufuni kuzenza ixoki ngokungathi ungumntu lo osel'ezimanye ngentetho ethile komnye umntu. |

15.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uZwilakhe ulilandele igama lakhe. (2)

15.8 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwamagama 'andizanga … ndingazanga' kulubethelela njani uluvo lokunganyaniseki kukaZwilakhe. (2)

15.9 Nika izenzo eziBINI ezingqina ukuba uZwilakhe uyamfunza uGugulethu. (2)

15.10 Xhasa ngokwebali ukuchaneka kwamazwi kaMthetho athi, '… ngokungathi ungumntu lo osel'ezimanye ngentetho ethile komnye umntu'. (2)

15.11 Ucinga ukuba uGugulethu walandela indlela esemthethweni yokuzikhupha kumtshato wakhe noThobeka ngokumbulala? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.12 Cacisa nasiphi isiganeko esiphuhlise umxholo wokusetyenziswa gwenxa kwesiko lokubonela kulo mdlalo. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Iminqweno yabanye abalinganiswa engenelelayo ibangumqobo ekuzalisekeni komnqweno womlinganiswa. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMamQhinebe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Uqeshelwe ukuhoya amahlwempu nezinhanha ngokulinganayo; amaqaba nezifundiswa; iinkonde neemveku. Akuqeshelwanga ukuba ube nabantu obanyevulelayo kuba ubabona ukuba baphuma kumakhaya ahlelelekileyo. |
| MAQHIKIZANE: | Ungubani wena ukuba ungathetha ngolo hlobo kum? Hhi? Ungubani kwedini? |
| SIQHIWU: | **Akuqeshelwanga kushawuta bantu apha, akukhathaliseki nokuba ndingubani na.** |
| MAQHIKIZANE: | <u>Kulungile ke kumkani. Khawutsho ndingakunceda ngantoni Mhlekazi?</u> |
| SIQHIWU: | Bendize kucela ukubuza ukuba akukho mpazamo yenzekileyo ... |
| MAQHIKIZANE: | Malunga nantoni ke bawo? |
| SIQHIWU: | Ndicela ukuba undiyeke Mhlekazi ndigqibe, wandule ke ukuhloma imibuzo yakho. |
| MAQHIKIZANE: | Hay'inene ndisuke ndakoyika ngoku. Uthi akulothumelo kodwa? |
| SIQHIWU: | Ngamafuphi bawo, sothuswe kukufumanisa ukuba uThembinkosi Mazaleni ongummelwane wethu nophumelele iBanga lakhe leshumi kulo nyaka uphelileyo, sel'ephangela, sibe thina sineminyaka ngamithathu silinde ingqesho. |
| MAQHIKIZANE: | Ungezi kuza kundigezela e-ofisini yam ndixakekile kwedini. Inani nokwenza nam kaloku into yokuphangela kwentwana endingayaziyo, ndingakhathalele nokuyazi? |
| SIQHIWU: | Nguwe oqeshayo bawo. Ndincede, musa ukundiqakathakisa torho. Nam ndixakeke njengawe ke tana undibona nje, okanye nangaphezulu. |
| MAQHIKIZANE: | Ayinakuncedwa ndim into yokunyaba kwakho mfanandini. |
| SIQHIWU: | Awunakuba akundithuki ke ngoku Mnumzana Maqhikizane. |
| MAQHIKIZANE: | Mna ndilungiselela abantu abangxamele ukuphangela, qwaba ke. Andinaxesha lezanya-mtya. |
| SIQHIWU: | Mhlekazi uthetha ukuthini ngala magama umana ukundityabeka ngawo? |
| MAQHIKIZANE: | Kanene mfo kabawo ubuthe ungubani igama lakho? |
| SIQHIWU: | Andikhange ndikuxelele igama lam ... |

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.1 Xela babebaBINI abantu abanyevulelweyo athetha ngabo uSiqhiwu kwesi sicatshulwa. (2)

17.2 Nika izimvo ezingunobangela wempixano ngokwamazwi avula ngawo uSiqhiwu kwesi sicatshulwa. (2)

17.3 Caphula impoxo uze uxele nefuthe layo kumazwi kaMaqhikizane akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

17.4 Chaza ukuba isimo sentlalo siyiphembelela njani impixano kule drama. (2)

17.5 Atyhila luvakalelo luni amazwi kaSiqhiwu abhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU indlela umxholwana wobuqhophololo okhokelele ngayo kwisiphelo esiyintlekele kule drama. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| DLEZINYE: | *(UDlezinye uthetha yedwa phambi kwakwaMamQhinebe: Uphethe iBhayibhile. Uyintothololo yexhego.)* Nguwo lo umzi ondifaneleyo. Izindlu zimbini qwaba. Akukho nobuhlanti obu bembala. Loo nto indixelela ukuba kuyalanjwa apha. Jonga, khawujonge, kunzima nekalika le yokuveta izindlu. Mandingene apha. Nokuba sekusithiwa izinto ziyafana, ngomnye wale mizi ndiyifunayo lo. Ngomnye wale mizi ibanikazi bayo baza kuba ngamaxhoba am noMagrazula lo. Ndingalibali kanene ukuba kufuneka ndibe leliya lakudala lona ixhego eli. IBhayibhile le mandiyiphathe ngesi sandla. *(Ekhomba kwesasekhohlo.)* Nelizwi eli kufuneka libe lelexhego ngenene, kungabikho nto ikrokrisayo, ubuso bona andinaxhala labo. UMalunyawana ububethile kakuhle. Akukho nto ndiyikrokrelayo. *(Ankqonkqoze.)* Nkqo nkqo nkqo! |
| MAMQHINEBE: | Ngaphakathi! |
| DLEZINYE: | Molweni endlwini! |
| MAMQHINEBE: | Ewe, molo bawo. Naso isihlalo entla kwakho bawo. Uyazi ukuba ngeli xesha unkqonkqozayo ndithi uleli xhegwana lalapha ebumelwaneni? |
| DLEZINYE: | Hayi mntwan' am lelinye ixhegwana eli. Lisuka kude kakhulu eli ixhegwana. |
| MAMQHINEBE: | Phofu ngempilo, niboniswa ntoni ke tata? |
| DLEZINYE: | Hayi siphilile mntwan' am, akukho nto. Ninjani nina? |
| MAMQHINEBE: | Hayi siphilile nathi bawo. Kuphunywa ngaphi ke tata kweli langa? |
| DLEZINYE: | Ekhay' apha ndithunyelwe nguThixo endimkhonzayo. |
| MAMQHINEBE: | Uthunyelwe nguThixo omkhonzayo? |
| DLEZINYE: | Uhlala nabani kanene ntomb' am? |
| MAMQHINEBE: | Ndihlala nonyana wam |
| DLEZINYE: | Nihlala nobabini kuphela? |
| MAMQHINEBE: | Ewe bawo. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uDlezinye ulilandele igama lakhe. (2)

17.8 Cacisa ukuba igama 'ixhego' lisebenza njani ukubethelela uluvo lokuba uDlezinye akanyanisekanga. (2)

17.9 Nika izenzo eziBINI ezingqina ukuba uDlezinye uneenjongo zokuzifihla ukuze angaqondwa ukuba ungubani. (2)

17.10 Chasa ngokwebali ukuchaneka kwamazwi awasebenzisileyo uDlezinye kuMamQhinebe athe, uthunyelwe yiNkosi … nguThixo ukuze baphume ezimbandezelweni. (2)

17.11 Ucinga ukuba uMamQhinebe walandela indlela esemthethweni yokuzikhupha kwindlala? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.12 Cacisa isiganeko esingumzekelo wokusetyenziswa kweendlela ezigwenxa zokuzikhupha endlaleni. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba sibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwisikhokelo sokumakisha.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

   **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

   Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'UKUBETHWA NGEMVABA' – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umbongo obalisayo ubalisa ibali ngesiganeko esakhe senzeka. Esi sincoko sityhila ukuba lo mbongo uyabalisa ngokusebenzisa ezi zixhobo; isakhiwo, umxholo, ulwimi nomongo.

**Isakhiwo**

- Isakhiwo sombongo obalisayo, njengakwibali, siqulatha ingabula zigcawu, ukujiya kwezinto, uvuthondaba, ukwetha kwezehlo, isisombululo nesiphelo.
- Kumbongo obalisayo, njengakwibali elifutshane awasoloko efumaneka onke amanqanaba esakhiwo kodwa zombini, umbongo nebali zigxila kwiploti.
- Kumbongo obalisayo, njengakwibali ibakho ingabulazigcawu ize kwingabula zigcawu sifumane unobangela oyingxabano edale zonke iziganeko. Kulo mbongo isizathu esifumanekayo kwingabula zigcawu sesokuba utata athi ngomsindo, athathe imvaba atyundyuthe ngayo umfazi. Isiphumo siba kukuzekelela kobisi kuze kube kanti sisiqalo sokufunyanwa kwebhotolo.
- Ziyajiya izinto, indoda iqhwaya ingxabano ukuze ityundyuthe umfazi ngemvaba ukuze kuphume ibhotolo. Iyaphindaphindwa le meko ade nomfazi athandabuzele ngasekuyithandeni ngenxa yesiphumo sayo esiyibhotolo eyonwabisa ikhaya.
- Kuvuthondaba, ubumnandi besiphumo sokubethwa ngemvaba, kuqatywa ibhotolo esonkeni, kumnandi ekhaya. Konwatyelwa ibhotolo, akubuyeki ngamva kodwa kuyacingisiswa ngentsusa yokufumaneka kwebhotolo. Kukhula ukuxakwa kuba wonke umntu akakonwabelanga ukubethwa komfazi ukuze kuzuzwe ibhotolo, nomfazi akakonwabelanga ukubethwa kodwa uyayifuna ibhotolo. Akukho kubuya ngamva ekufumaneni ibhotolo.
- Isisombululo nesiphelo, kubethwa umthi ngemvaba, iyafumaneka ibhotolo, iyaphumla inkosikazi.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Umxholo**

- Imibongo engemvelaphi ibanomxholo wendlela efumaneke ngayo into esele isetyenziswa namhlanje. Lo umbongo ungemvelaphi yebhotolo.
- Omnye umxholo ngowokuba ukungaboni ngasonye kubanesiphumo esihle/into embi iyayizala into entle. Lowo ngumxholo oqulethwe kwangulo mbongo.

**Ulwimi**

Lo mbongo usebenzise ulwimi lokubalisa oluphawuleka ngesi sigama silandelayo:

- Ngamaxesha andulo, Ubisi lusagcinwa, Mnumzana othile

Ulwimi olubonakalisa ukulandelelana kweziganeko

- Wasuka wabambana…, wathabatha imvaba…, wayityundyutha …, ngexa langokuhlwa …, wathulula …, lwazekelela. wabuya nent'emnandi, wasa emlonyeni.

Olubonakalisa isimanga esehlayo

- Aphange emvabeni atyundyuthe umfazi.
- Ukufuna komfazi ukubethwa kodwa kubuhlungu ngenxa yokufuna ibhotolo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'OKUHLE' – ZS Qangule**

2.1 Sesokubheka esikolweni.√/Sesokuthanda iincwadi.√/Sesokusingcutha isiLungu.√/Sesokuwadlakaza amanani.√ (Kwamkelekile ukucaphula umqolo). (Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.2 Ngenkwenkwe enconywayo kulo mbongo.√/kuthethwa ngenkwenkwe√/ kuthethwa ngomfundi√/ngomfundi ogqwesileyo.√ (1)

2.3 'Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini.'√ 'Waphela umzi yavungama ilali.'√ (2)

2.4 Imvanosiphelo.√ (1)

2.5 Olokonwaba√/ olovuyo√/olwemincili√/olokuzingca√ kuba ukuxway'emhlana kudala imibono yomntu oyifumene lula iBA√/owoyise emva kokungafumani bunzima.√/kuba ibangathi iBA yinto ephatheka ngesandla/ekhaphukhaphu.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.6 Uphumelele kuba ngokombongo ukuzinikela kwenkwenkwe kuyenze yasingcutha isiLungu, yawadlakaza amanani.√√/Uphumelele kuba ukuzinikela kwenkwenkwe kuvezwe kwakwisitanza sokuqala ngelithi impumelelo yayo yenziwe kukuba ibingabinalo nexesha lokudlala nabanye abantwana.√√/kuba ukuzinikela kwabazali nokungalahli ithemba ngokombongo kuyenze yaphumelela inkwenkwe kwizifundo zayo.√√/ Uphumelele kuba ngokombongo inkwenkwe ithe ngokuzimisela isebenze nzima yaphumelela.√√/ kuba kwinkwenkwe othetha ngayo umbongo kuye kwamnyama phambi kokuba kuse ide ifumane iqondo leBA.√√

Okanye

Awuphumelelanga kuba kwawona umbongo kumqolo we-12 umana ukuthi inkwenkwe yayiphumelela ngenxa yemfuzo√√/kuba umbongo ucacise kakhulu ukuzinikela kwabazali benkwenkwe ngaphezu kokuzinikela kwenkwenkwe.√√
(Nayiphi echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UWG BENNIE' – SEK Mqhayi**

3.1 Sesokusungula ukufundiswa kokubhalwa kwesiXhosa wade wabizwa ngokuba nguyise wentetho kaXhosa.√/ Sesokunqunq' amabatha namakhwiniba kubhalo lwesiXhosa.√/Sesokugunyazisa ukusetyenziswa kweOrthografi yakhe yesiXhosa ezikolweni.√/ Ukuvelela iimbombo zomhlaba.√
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

3.2 NgoW.G. Bennie.√/NgoBennie.√ (1)

3.3 'Umagwaza ngemfund' eluhlangeni,'√ 'Avike ngengweletshetshe yevangeli.'√ (2)

3.4 Yimvanosiphelo.√ (1)

3.5 Olokuthuthuzeleka,√/olokwamkela ukufa,√/ olobuhlungu√ /olokulahlekelwa ngenxa yokufa√ kuba ukubuyela kwethambo kwithambo kuthetha ukusweleka komntu okufuneka kwamkelwe.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.6 Uphumelele kuba ukuqaqambisa kwawo ukuba uBennie nguyise wentetho yesiXhosa kumenza iqhawe lesiXhosa√√/kuba umbongo umbonakalisa njengomntu obelwela ukufundwa nokubhalwa kwesiXhosa kumagama athi, 'umagwaza, avike.'√√

Okanye

Awuphumelelanga kuba umbongo uthetha ngezangotshe ezintsonkothileyo ekungelula ukuziqonda kuba azisingiselanga kwisiXhosa√√/kuba ngumntu onembali kaBennie kuphela onokuqonda xa kuthiwa, 'Lusingasinga, lujong'owophayo okanye umathunga waseGiliyadi'.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

### 'WATSHA UMZI' – Nontsizi Mgqwetho

4.1 Sesokubulala umntakwabo uAbheli ngenxa yomona√/ sesokubulala√/ ngokwakumbongo sisenzo sabantu sokungcatsha ilizwe kuba bejonge inzuzo eza kubo.√/ sesabantu abayeka izinto ezingalunganga zisenzeka bangakhalazi, bangakhalimi√ / sesabantu abangayikhathalelanga i-Afrika√/ sesabantu abaNtsundu ababulalana bodwa√/ sokuthengisana kwabaNtsundu bebodwa/sisenzo sabamnyama sokuthengisa ngomhlaba wabamnyama kwabokuhambela.√ (2)

4.2 Ngeentombi zakwaMshweshwe/zakwaLangalibalele.√/ Neentombi zabeSotho nezamaHlubi.√/Isizwe sabeSuthu nesamaHlubi√ /Iintombi zesizwe esimnyama√/ Iintombi zesizwe seAfrika. √ (1)

4.3 'Kwahluthw' amakhaya kunye nobukhosi.'√/'Namhla ooNozala bahamba ngePasi.'√ (2)

4.4 Yimvanosiphelo.√ (1)

4.5 Olwenkxalabo√ uvakalelo lonxunguphalo√/ lokuzohlwaya√/ lwesazela√- kuba umbuzo buciko usisixhobo sokuvusa isazela uhambelana nomxholo walo mbongo.√/ usisixhobo sokubethelela uluvo oluthile√/sokugxininisa okuthile√/sokuvula amehlo ngemeko ethile/sokuhlaba ikhwelo ngenxa yokungahoyi ngokufanelekileyo okumele ukuthathelwa ingqalelo kwizinto esilumkiswa kuzo isizwe. √ (2)

4.6 Uphumelele kuba imibuzo buciko esetyenzisiweyo iyasixhokonxa isazela/ Uphumelele kuba ngokusebenzisa isigama esitsala amava abafundi bombongo ngabangcatshi abaziwayo abafana noKhayeni itsho ivuke ingqondo yomntu obengaqondi. √√/ Uphumelele kuba ukumemelela umanyano okuzingileyo kubonisa injongo yokuvusa abantu√/ uphindaphindo lubonakala lunenjongo yokuvusa. √/ ukukhankanya ukulahlwa kwenkolo zabantu nako kuyalomeleza uluvo lokuxhokonxa. √

Okanye

Downloaded from Stanmorephysics.com

Awuphumelelanga kuba abanye abantu abangcamla iziqhamo zemikhwa engalunganga abaphulaphuli nalinye kwaye abanye abawazi namabali aseDekapolis abavuswa ngawo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'AMATSHIVELA' – John Solilo**

5.1 'Kwimizi ngemizi'.√/amatshivela ... elizweni√/mathathu elizweni. √ (1)

5.2 Ayabhoxa,√/ona izinto zabantu,√/agqiba izinto zabantu,√/ona izimilo,√/ona imizimba emihle.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

5.3 Sikubonisa ngokukhankanya ukuba indlela yawo isinga ekufeni.√/ Ngokukhankanya ukuba batsala amashwa.√/imbongi kwesiya sitanza iyawoyikisela amatshivela.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.4 Lelokuncedisa ukuhlanganisa iingcinga zokuwenza ukuba abonwe ukuba yinto amatshivela ayithetha ngokwawo.√/ Zisondeza amatshivela kwiimvakalelo zabantu abafundayo ngokuwenza athethe ngokwawo.√/ ukubonisa ukuba yintetho yawo ngqo.√/ Lifuthe lokuphuhlisa ukuba intetho yeyamatshivela. √/Lifuthe lokuba umfundi wombongo eve amatshivela indlela athetha ngayo ngezenzo zawo.√/ lifuthe lokubonakalisa ukuba ngamatshivela la athetha le nto asimbongi. √/ lokuvisa intetho yamatshivela xa exhoma ityala kwabanye abantu ezikhupha wona.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.5 Impoxo ekumqolo wama-23 ithetha ukuba la matshijolo awafuni kuthatha xanduva lwayo nayiphi na into embi ayenzayo.√/ ithetha ukuba yonke into bayalatha komnye umntu ngalo lonke ixesha bona abakhe bone. √/ ithetha ukuba amatshivela asoloko ezenza msulwa√/azenza ngcono ngokungathi awazenzi izinto ezimbi√/ithetha ukuba amatshivela awaboni mposiso kwizenzo zawo.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.6 Yeyokuba abazange bona nto yamntu.√√/Abazange babanasono nakubani.√√ (Nayiphi na kwezi.) (2)

5.7 Ndiyangqina kuba isitanza sesixhenxe sithi akukho themba lokuba amatshivela angaguquka kwaye aza kutshabalala.√√ (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo ukungqina ukungahambi lula kukaMfezeko kuphando alwenzayo ngokubulawa kukaMsindisi. Esi sincoko siveza amatiletile awenzayo uMfuneko ukuphazamisa uphando lukaMfezeko ukuze lungabikho lula.

- La ngamazwi kaMfuneko aqinisekisa uThantaswa ukuba uzimisele ukusebenzisa amava asele enawo okuphazamisa ingalo yomthetho njengepolisa elaphula umthetho.
- UMfuneko usebenzisa uthanda oluphakathi kwakhe noMfezeko ngoHlengiwe amazi ethandana naye engayamkeli into yokuba uthandana noMfezeko. Iyamnceda le ngxabano kuba usithela ngayo kwiinjongo zakhe zokuphazamisa uMfezeko kolu phando.
- Kwiinzame zikaMfuneko zokwenza nzima uphando lukaMfezeko uzixhobisa ngoNqoza amazi eyinkubabulongwe ade ambize imfene yakhe ukusezela umoya kwinkqubela phambili yophando.
- Ulwenza nzima uphando ngokutyisa uMfezeko ityhefu esebenzisa uNqoza. Umenza uNqoza akholelwe ukuba uMfezeko yimpimpi esenzela ukuba abenetyheneba.
- UNqoza rhoqo unika ingxelo malunga nophando lwakhe lkunye noMfezeko.
- UMfuneko wenza iyelenqe lokugalelela uMfezeko ityhefu esingcwabeni sikaHlomlani ukuze uphando luhambe ngesantya esiphantsi. Uyasinda uMfezeko.
- Uzama ukunqumamisa uphando akusinda uMfezeko ekubulaweni yityhefu, esebenzisa uNqoza ngokuthi makalukuhle uMfezeko azimele esibhedlele ukuze amtshisele kwaSiphongo, azokuyeka ukuphanda.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ngalo lonke eli xesha uMfezeko ajongene nemingeni kwimpilo yakhe uMfuneko usebenzela ukuba makafe uMfezeko ukuze eli tyala liphandwe nguye yena Mfuneko.
- Iinzame zikaMfuneko zezokufihla ubungqina obukhomba kuThantaswa njengombulali kaMsindisi ngokufihla ababulali bakaMsindisi abangooSixaki nangokutyhafisa uMfezeko ekwenzeni udliwanondlebe noThantaswa.Ulwenza nzima uphando lukaMfezeko ngokuzama icebo anokwenza ngalo ukuba abengathi uzidubule uMfezeko. Baqulunqa iyelenqe lokusebenzisa ooSixaki ukuba bayokugqogqa umpu kaMfezeko kowabo khon'ukuze abulawe ngawo ukuze kubengathi uzidubule.
- Uphando lukaMfezeko ngenene alubangalula ngokukaMfuneko kuba lubeke ubomi bukaMfezeko esichengeni kodwa ekugqibeleni ufumana ubungqina obayamanisa uMfuneko nobuphazamisana nengalo yomthetho watsho wanqunyanyiswa ngaphandle kwentlawulo emsebenzini uMfuneko kunye noNqoza.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Kukusebenzisa kwabo isigama esibabandakanya bobabini kwiintetho zabo njengoosimlwe, njengoonathi.√√/kukuqulunqa kwabo kunye indlela yokuhlasela uMfezeko.√√/ Ukusetyenziswa kwentetho ethi,“ masingamngxameli ngowethu.”
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.2 Sesokumpimpa uZalala ukuba nguye obe imipu esitoreni ekugcinwa kuso imipu.√√/ Isenzo sokumpimpa uNqoza sokufika emva kwexesha. √√ (2)

7.3 Batyise uMfezeko ityhefu.√/Bakhuphe uMfezeko esibhedlele egula ngelithi bayamnceda.√/Baqulunqe ukutshisa uMfezeko ngovutha.√/Basebenzisa uNqoza ukuba aphazamise uphando lwetyala likaMsindisi.√/ Ukugqogqwa kuloMfezeko befuna umpu wakhe. √/ Ukuthetha ngoMfezeko kakubi yena engekho. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

7.4 Zange abelula kuba bamtyisa ityhefu akafa.√/Bamtshisa ngovutha akatsha.√/ Bagqogqa umpu wakhe kowabo abawufumana.√/Bazama ukumgxothisa emsebenzini kwagxothwa bona.√/ Akafumanekanga kowabo xa beyogqogqa.√ (4)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

7.5 Ewe kuyalomeleza uluvo lokuba umthetho unamandla kunolwaphulomthetho kuba amapolisa anjengooNqoza, noMfuneko abesaphula umthetho anqunyanyiswa emsebenzini ngaphandle komvuzo ngenxa yepolisa elinye elinguMapheza, √/amapolisa amaninzi agwetyelwa ulwaphulo mthetho√ kanti uMapheza omele umthetho yena uphanda abafumane ababulali bagwetywe.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.6 Ukubakho kwamaxhwele √kuphembelele kwenze ukuba kubelula ukufunelwa kwabantu amayeza okubabulala √njengoko uMfuneko wafunela uMfezeko iyeza likaVutha kuSiphongo/ Isolotya lendawo etiphini√ apho uSiphongo wayokulahla uthuthu khona ngeenjongo zokugquka umkhondo wokubulala.√ / Isolotya lexesha esele kusetyenziwa imfonomfono ukunxibelelana√ esetyenziswa nguMfuneko ukunika ingxelo kuSiphongo ngokuphanza kwecebo labo lokubulala uMapheza. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.7 Zezokuba unike uMfuneko ityhefu yokubulala uMfezeko ayambulala.√/ Uthe umbulele uMfezeko ngovutha kanti usaphila.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.8 Le ngxabano kaSiphongo noMfuneko iyonyusele kwinqanaba elingentla impixano ngokuthi zixhwithane kwazodwa izaphulimthetho zifuna inyani ebezikade ziyityeshela kuze ngolo hlobo umthetho ulwaphule amandla ulwaphulomthetho.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.9 Ndiyangqina kuba uSiphongo umema uMfuneko ukuba azokuzibonela indawo amtshisele kuyo uMapheza.√√/ Ndiyangqina, kuba uSiphongo ude abuze, engqinisisa kuMfuneko ukuba umbonile na uMapheza. √√/ Uyabuza ukuba umbone ngawakhe na amehlo ukuba uyaphila√√/ Ufuna ukuboniswa uMapheza lo kuthiwa uyaphila. √√ (2)
(Nayiphi na kwezi.)

7.10 Thantaswa ngoku sowuhamba ude ungalali ekhaya kodwa ukuhlangana kwethu wawukhangeleka umsulwa.√√/Thantaswa ungumbulali? Ndanceda ndingakubhali nakwilifa lam ndibhale uPhumlani.√√/ Thantaswa ubakhohlisile abazali bam, bakuthanda kanti uza kundibulala.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.11 Yimfundiso yokuba ungabokumthemba umntu ngenxa yobuhle bezenzo zakhe kuba kungathi kanti intliziyo yakhe icinga inkohlakalo ngawe.√√/
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angacangcatha kwezi ngongoma zilandelayo kwisincoko esingqina amatiletile awenzileyo uThole ukuqinisekisa ukuba ufezekisa amazwi, athi “Nam ndakubamdala ndiya kubanje ngalo mntu.”

- UThole uwathetha la mazwi ebuntwaneni bakhe ondele umfundisi onqanda abantwana besikolo besilwa etsalwa sisinxibo nendlela eveza uxolo awayethetha ngayo.
- UThole indlela yakhe abafundi bencwadi baqala ukumbona elukuhlwa ngabahlobo bakhe uThemba noSonwabo ngokumseza utywala azibone sele eseBhayi engaqondanga. Ubuya athi swii nguNomsa kunye nomsebenzi kwaIrvin & Johnson. Zonke ezi zibakala zaseBhayi zilibazisa indlela yakhe eya phambili kubufundisi. Sikho isingqala, ukubhomboloza, uvalo nokubethwa nguJoe okugqibela kumenza asivuselele esi sibhambathiso engekabi mdala kakhulu.
- Ukuthatha kwakhe isigqibo sokugoduka, indlela eya kwesi sifungo iphazanyiswa kukuhlangana kwakhona noThemba omqweqwedisela kwinqwelo-mafutha emqhatha esithi iyagoduka. Idinditha ndawonye indlela akuvaleleka eKnysna emva kohlaselo olwenziwe ziingonyama kuye nabahlobo bakhe.
- Kufika intwanana yentshukumo eya phambilli ngokusuke athi indlela yakhe imnyama engaboni ngaphambili kuvele iphupha nencwadana ebonakala njengeyona imsindisileyo. Ngesi sihlandlo ubuya asihlaziye esi sibhambathiso sakhe sokusebenzela inkosi.
- Ushixi oya phambili kule ndlela yakhe uvezwa kukuhlangana kwakhe namakhwenkwana akhangela inkonyana. Oko kumenza azibone sele ezenza igqirha kuba ebeyibonile le nkonyana ifunwa ngamakhwenkwe kodwa ibuye imfune into awayeyifungele ngamaphupha neentshumayelo sele esisinhanha apho eKnysna. Iba likhwelo elithi makathengise ngemfuyo yakhe abuyele ekhaya.
- Intshumayelo inga ibhekisa kuye xa isithi '… goduka ubhek'ekhaya, thengisa ngemfuyo yakho.' Imkhumbuza ukuba ukuzenza igqirha kunxamnye nezibhambathiso azenza neNkosi yakhe, kwangoko uthatha isigqibo sokugoduka ayokuqhubeka nemfundo.
- Iya phambili indlela xa eqina kwisigqibo sokuphindela esikolweni sele uFikizolo ecwangcisele ukuba azeke umfazi endaweni yokuya esikolweni.
- Iyatyenenezeka indlela akuzimanya nezinto ezinxulumene nenkonzo apho iintshumayelo zakhe zikhatshwa ngamabali kuguquke abantu, akhuthazeke naye ezibona usesifungweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Inkxaso ayifumana kumfundisi uMaqoma noShepherd iyamkhuthaza imse phambili imenze abengumfundisi ophume izandla ngezenzo neentshumayelo.
- UMangaliso ufunda ngokuzimisela de ayityekeze abenezidanga zeM.A. NePhD. Ubuyela ekhaya engumagrazula womfundisi. Oko ukubonakalisa ngokuphumelela ukuvusa ibandla elalisele lincanyiwe iGeorge Goch. Wakha ibandla laseSpes Bona elalisele lincanyiwe.
- Oku kuphumelela kwakhe kufezekisa amazwi awawathetha ebuntwaneni bakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Kukubhunga bobathathu.√√/ Kukudana bobathathu.√√/ Kukufa namthanyana kwabo bobathathu ngokuphindela kukaThole esikolweni.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.2 Kukuthi ebesiqale selemdala kakade isikolo waze wasiyeka phakathi kodwa abe esafuna ukubuyela kuso.√√/Kukuba sele evela kusebenza eRhawutini.√√/Kukuba ngokwenkolo kaFikizolo uThole engasafanelanga kuya sikolweni efanelwe ngumtshato.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.3 Uzibona eseBhayi engaziqondanga ukuba uya khona engazi nendlela aye ngayo.√/ Ubethwa nguJoe kwakweli Bhayi ngenxa yokuthandana noNomsa abesele ezilahlele kuye emva kokuzifumana eseBhayi engaqondanga.√/ Ukuzibona esemngciphekweni wokuntywiliselwa emlanjeni ephila ngooJoe.√/ Uzibona esemngciphekweni wokuqwengwa ziingonyama kwihlathi laseKnysna.√
(Nasiphi isithathu esichanekileyo) (3)

9.4 Ufunde into eyiyo xa efunde ngempumelelo, waphumelela imatriki.√/ Wazibalula ezingxoxweni eDikeni.√/wanguSihlalo weSCA.√/Wamela uNokholeji kwingxoxo mpikiswano eKapa√/waba ngomnye kubafundi abanyuliweyo ukuya kwingqungquthela eNgilani.√/Wafunda iB.A kwaNokholeji.√/Wenza izifundo e-Oxford wabuya sele enguGqirha. √
(Nasiphi isine esichanekileyo) (4)

9.5 Kulomelezile kuba uthe akuzithathela esakhe isigqibo wasilandela waphumelela emva kokuba zonke eza zigqibo ukusukela kwezikaThemba, Nomsa, esokuphangela kwaIrvin & Johnson, zingamsanga kubufundisi awayebujongile suka ezinye zazo zamkhupha esiporweni.√√ (2)

9.6 Ukuncipha kobugebenga nokukhula kweemvuselelo zokonwabisana eziqhutywa yinkonzo ezikwesi sicatshulwa zingumqondiso wokuzalisekiswa kobizo lukaMangaliso.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.7 Ingqineka ngesizathu sokuba ngexesha awayengekafiki abaxaxekise abantu baseGeorge Goch babengootsotsi.√/Babezizigebenga.√/Babesela utywala.√/ Babechitha ixesha elininzi kulonwabo olungakhiyo.√/ Lwancipha uselo tywala nobugebenga/ baguquka ootsotsi.
(Nasiphi na isibini) (2)

9.8 Le ntsebenziswano kaThozama noMangaliso iyinyusele kwinqanaba elingentla impixano engokungahambelani kobutshijolo nobizo ngokuthi yaphule amandla obutshijolo ngokunika uMangaliso izixhobo zakwaMoya ezivela kuThozama nezitsho zamsindisa kwiingxaki zehlabathi ebekuzo eKnysna.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.9 Ndiyangqina kuba abawuvali umlomo emva kweemvuselelo zikaThole.√√/ Ndiyangqina kuba bashunyayezwa nguThole baguquke.√√/Ndiyangqina kuba luyanda uManyano lwamadoda namakhosikazi.√√/ Ndiyangqina kuba elo bhotwe lase Spes Bona lalizala lime ngeembambo kubuye nophi umntu besiya kwimvuselelo elapho.
(Nasiphi isibini.) (2)

9.10 Thole! SowunguMangaliso ngoku? Yhini sakushiya ujongwe ziingonyama ngenxa yethu emva kokuba sasivela kukulahla eBhayi, sikuseza notywala ungabufuni.√/Sicela uxolo ngokukhwelisa i*taxi* eya eKnysna ngexesha ubufuna ngalo ukugoduka.√/Siyasibona isizathu sokungaqwengwa kwakho ziingonyama kuba bekufuneka uguqule abantu.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.11 Yeyokuba kuyimpazamo ukutshintshatshintsha iinjongo zobomi ngokwemeko okuyo kuba uThole zange kumonwabise ukuba ligqirha naloo mali yayingamakhipha zange imnike kuphumla emphefumlweni.√√
(Nayi phi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angacangcatha kwezi ngongoma zilandelayo ukungqina ubukhulu bukaThixo kaMfazwe esebenzisa amatyeli asinde cebetshu ngawo kwindlela yakhe yokuzabalazela inkululeko yelizwe lakhe.

- UMfazwe uyabanjwa agityiselwe kwimoto yamapolisa enenja efuna ukumqwenga kodwa uyasinda.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Usinda ekufeni apho abantwana ebebafundisa nabo ebengabafundisi befuna ukumtshisela emotweni ehamba noSiqithi.
- Emngcwabeni kaMachule usindiswa nguSiphiwo noSiphiwo bambalekisela kwamfundisi uHlathi.
- Ngelixa ahlala kwamalume wakhe iinqwelo zamapolisa ziyamlandela kodwa izinja ziyawagragramela amapolisa de ajike abuyele apho avela khona.
- Entlanganisweni yasekuhlaleni usinda ekufeni ekuhlaselwa ngabantu basekuhlaleni bambetha ngamanqindi, bayamkhaba bamfaka iimpama bamgibisela nangeembokodo.
- Emotweni alele kuyo kuba umzi wakokwabo utshisiwe, uyasinda kubahlaseli abalande ekhondweni lakhe befuna ukumbulala.
- Endleleni eya kwamalume wakhe, ugagana nenyoka ifuna ukumhlasela, ihlaselwa yinja, uyasinda.
- Kwindlela esingise kwisikhululo sikaloliwe eNkwankca uhamba noNdima bafika amapolisa evale yonke indawo, usindiswa kukuba alibala kukuhleka ubufutshane bukaNdima alibala tu ngomsebenzi wawo, bayagqitha apho kuwo.
- Kwisikhululo sebhasi eNgxingwa uMfazwe uqaphela ukuba uyakhangelwa ngamapolisa uthi hlasi idyasi nomthwalo kwindoda enxilileyo. Kubanjwa le ndoda kanti ayinapasi amapolisa akayiboni nale iphothe iinwele ayifunayo indoda
- Xa asukayo ululiwe amapolisa aza kweli cala linoMfazwe aphazanyiswa yingxolo yentombazana ehamba nomntwana eleqa uloliwe, alibala yiloo ntombazana. UMfazwe ufumana ithuba lokuphuma endaweni agoxe kuyo apha esitishini.
- Xa akude kufuphi nesikhululo saseThongo umisa ngesiquphe uloliwe, uMfazwe ugqiba kwelokuba ehle kanti yindlela azisindisa ngayo leyo, bayabanjwa abaninzi.
- Ubukhulu bukaThixo kaMfazwe bumncede ukuba ahlangane nomzingeli omnike umqulwana osongelwe ngesikhumba senyamakazi, unamafutha, umqwayito wenyamakazi, izintana ezinyhijwe ngamafuthana namagqatyana omthwazi. Zizixhobo ezo ezimncede ukuba angahlaselwa ngamarhamncwa ehlathi nezimncede ekufumaneni amandla okuya phambili.
- Kwezo ntaba ubona ityholo elihambayo kanti yiveni yamapolisa uyabanjwa. Uphela ithemba uMfazwe kodwa uyathandaza ucela neminyanya yakhe yaseMacirheni ukuba imncede. Iyamisa iveni kuthiwa makaphele emehlweni.
- Ukhweliswa yimoto eya eMgazi ethi ibhukuqe itshe nabantu yena uyasinda. Ngengomso xa aya kujonga loo ngozi ubanjwa ngamajoni.
- Kuhlaselo olujolise kuye eThongo ubethwa ngamajoni amnyathela ngeenyatawuri zamaquza asemkhosini entloko, uyancama, umphathi wamajoni udubula phezulu athi xhonkxosholo amajoni abe uyasinda njalo.
- Unikezelwa kuSikhotsholo nomfo omfutshane ukuba baye kumbulala suka kudutyulwe bona bathunywa yimpi yabavukeli, uyasinda uMfazwe.
- Uyakhululwa eThongo ukuba aye eMgazi unikwa umpu kaSikhotsholo. Endleleni uva izithongakazi zikrazula isibhakabhaka kanti uchanwa yimbumbulu uve ngokonyela komlenze, uyasinda akafi.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Imozulu inegalelo ekumkhuseleni kuhlaselo lwezilwanyana zasendle kuba kunetha, zonke zithe nca emingxunyeni yazo. Uthuku lwakhe lumbonisa qho ngengozi anokuba kuyo, atshintshe iindlela zakhe. Uyazicezela iindawo ezibonakala izizigqubu zeemfazwe, asinde.
- Usinda ekuhlaselweni nguNdoyisile isilwanyana esifuna ukumqwenga esemthini.
- Kwizigcayiseli ezisetyenziswa ngabavukeli bakarhulumente namanye amaqela ahambisana norhulumente njengoko esilwa utshaba uyasinda.
- Kusoloko kukho abantu abamncedayo, mhla ehamba eThongo unikwa umpu kaSikhotsholo.
- Uphaphama sele eseMthontsi kwiqela lentsimbi ebomvu. Akululanga eMthontsi kuba bakhe bahlaselwe. Inqwelo-ntaka yaseMzafrika iphefumla iintolo zomlilo, ubalekela emqolombeni kuloo mbubhiso engazange ibe nangxwelerha iluthuli eluthulini, uyasinda.
- Ngenene mkhulu uThixo kaMfazwe, umsindisile kubo bonke ubungozi adibene nabo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Bobokuba ngokwesicatshulwa isahluko esasiza kugqityezelwa sasingokulwelwa kwenkululeko ngamazwe ase-Afrika.√√ (2)

11.2 Kukuthengisa ngelizwe ngokunika amapolisa ulwazi olumalunga neentshukumo zabantu bomzabalazo.√√/Kukuthengisa ngabantu abamnyama ngokuthi anikezele kumapolisa ngamagama abantu abathatha inxaxheba emzabalazweni.√√
(Nayiphi kwezi) (2)

11.3 Kukubamba kwawo abantu abangenatyala abafana noMfazwe.√/Ukudubula babulale abantu abavakalisa imvakalelo yabo ngokucinezeleka.√/Ukubulala abantu ejele.√ (3)

11.4 Akuzange kubemnandi kuba zaye zatshintsha izinto kwakho inkululeko aze amapolisa awayephila ngokungcikiva yena afa namthanyana.√/Uthe akubuya elubhacweni sele eyijaji kwafuneka ambuse okanye athathe imiyalelo kuye.√/ Ubudenge awayemtyhola ngabo waboyisa kuba akazange ade abeyimpimpi.√/Amapolisa ayengasenamntu wokumxhaphaza kuba abantu babesele bekhululekile.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (4)

11.5 Kulomelezile kuba uMfazwe walikhulula ilizwe ngempumelelo kanti abasemagunyeni oxuthwa amagunya abo, ababulala abantu babanjwa bagwetywa kwangaba babebacinezela.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

11.6 Imontlalo yexesha lengcinezelo iquka ukutshiswa kwezikolo, ukutyholana ngobumpimpi ize ikhulise amatshantliziyo afana nooMfazwe.√√/Ukubanjwa nokuvalelwa ejele kwabantu abalwela amalungelo abo kuphembelele ukuba abantu babengamatshantliziyo kule noveli.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.7 Kungokuba uNtshebe noNyama bamhloniphile uMfazwe bambona njengetshantliziyo ngenxa yamagingxigingxi adlule kuwo endleleni eya elubhacweni.√/Kungokuba uNtshebe noNyama bamnika iwonga uMfazwe lokukhankathela amakhwenkwe afikayo elubhacweni.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

11.8 Le ngxabano ibonyusele kwinqanaba elingentla ubutshantliziyo ngokwaphula amandla okungcikiva kuba kutsho kwacaca ukuba uMfazwe akayiyo impimpi abebecinga ukuba uyiyo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.9 Ndiyangqina kuba uKhonjwayo akade awukhuphe umyalelo wokuba kuyokuthintelwa abavukelimbuso.√√ (2)

11.10 'Mfazwe ndiyavuyisana nawe ngokubhaca kuba kukhululeke abantu abamnyama into endandingayiqondi.'√√ /'Ndiyakubulela ngokubhaca kwakho kuba nomntwana wethu uza kuphila ubomi obungcono benkululeko.'
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

11.11 Yeyokuba akulunganga ukungamthembi umntu kuba uMfazwe zange amthembe uNokuzola kanti uzikhathaza ngento engeyonyani wade wabe uziphosanisa nokuzazi ukuba unomntwana kuNokuzola.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa etyhila ukuba mkhulu ngokugqithisileyo kukaMvundla nokususwa kwedyokhwe yobukhoboka emntwini ngokwesibongo; NguRhulumente wethu lo:

- UMvundla uzibonisa ubukhulu kule ntsomi ngezenzo zakhe zobulumko ukogqitha izilwanyana zasendle ezaziwa ngamandla azo.
- UMvundla ukubonisa ukubamkhulu ngokugqithisileyo ngokukwazi ukuthi abenamehlo angaphambili achola-chole izinto ekuthe kanti ziza kuba luncedo endleleni yakhe. Ezo zinto ibe ngumpu, ingxawa neentsiba zencanda.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- 
- Ubukhulu obugqithisileyo buvela ekwilizwe angalaziyo ngecebo angathi ulilungisile lokufuna ukukhatshwa, luFudo elwazi ukuba luyacotha xa luhamba kwaye ingekho into olunokumnceda ngayo mhla ngengxaki. Ude aluthembise ukulubophelela ngomnxeba alurhuqe.
- Ubukhulu bakhe buvela ngexesha avalelwe ziingonyama emngxunyeni sele zifuna ukuva ubungakanani belizwi lakhe, azoyikise ngelizwi elidokodoko ezibiza 'ntwanandini' iingonyama.
- Iingonyama xa zifuna ukubona ubukhulu boMvundla zicela axhwithe uboya bawo asuke arhole iintsiba zeencanda zitsho zoyike iingonyama kuba zingazange zibubone uboya obude nobungqindilili njengobukaMvundla.
- Ubukhulu bukaMvundla bubonakala xa ekhupha uFudo esithi lithole leentakumba zakhe. Oku kuyazothusa iingonyama ziqonde mhlophe ukuba xa enethole lentakumba enkulu kangaka inokuba mkhulu ngokugqithisileyo.
- Ubukhulu bukaMvundla kwakhona buvela xa ecela ukuba iingonyama zenze umgqumo wazo nawubize ngokutswina. Ngelakhe ithuba lokwenza umgqumo ugragramisa izulu lezandla ngompu. Ubonakala njengomntu omkhulu ngokugqithisileyo xa zibaleka iingonyama ezinye zingxwelerheke, ezisindileyo zikhuze ziqonde ukuba mkhulu nyhani uMvundla kuba zange zasibona isilwanyana esigquma kude kufe ezinye izilwanyana.
- Amazwi athi 'Ndimkhulu ngokugqithisileyo' kule ntsomi ayinyani akwabonisa ukuzithemba kunokungoyiki ngokoyikiswa kukaMvundla nto leyo eluphawu lobukhulu.

**Isibongo nguRhulumente wethu lo!**

- Isibongo nguRhulumente wethu lo! sikwazile ukubonisa ubungqina bokususwa kwedyokhwe yobukhoboka emntwini. Ibibonakala kwingcinezelo yabantu abantsundu becinezelwa ngabaMhlophe.
- Idyokhwe yobukhoboka ibibatyhalela elubhacweni abantu abantsundu beshiya iintsapho zabo ngasemva, ukuzuza inkululeko kwabenza babuyela eMzantsi Afrika.
- Idyokhwe yobukhoboka yasuswa emntwini omnyama ngokukhululwa kwababegwetywe iminyaka entolongweni bengawaboneli ntweni amashumi eminyaka abagwetywe wona kunamawakawaka eminyaka engcinezelo.
- Ukususwa kwedyokhwe yobukhoboka kuqinise umanyano phakathi kwabantu abamnyama ngokuza nesisombululo kwabo babengcatsha abanye abantu abamnyama batsho bayeka ukubulalana bamanyana.
- Emva kokususwa kwedyokhwe yobukhoboka ababeye elubhacweni babuya bezixhobise ngemfundo komaFort Hare nakwaNokholeji.
- Ukususwa kwedyokhwe yobukhoboka kutsho kwanika abantu abantsundu ilungelo lokovota, bakhethe uRhulumente abamthandayo, nto leyo ibingekho ngaphambili.
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 UDeli akafuni kumkhapha uDeliwe kuba uthi kulihlazo ukuhamba naye.√√/ Wayesoloko uDeli ehleka uDeliwe esithi akufanelanga abe ngowakowabo. (2)

13.2 Usoloko ehamba yedwa.√√/Abantu baselalini nazalwa nabo abafuni ukubasendaweni enaye.√√
(Nayiphi kwezi) (2)

13.3 Sesokungamthandi besithi mbi kuba enesifombo.√/Sesokungafuni ukuba uDeli amkhaphe umntakwabo.√/ Sesokumthuma endaweni ekude yedwa.√ (3)

13.4 Ucwezela kude ebantwini xa eyokutheza.√/Uvuka ngomsobomvu xa esiya emlanjeni ehamba yedwa.√/Uya ngokuhlwa emlanjeni ehamba yedwa.√/ Ubabhontebhonte zizilonda ngenxa yokusolwa ngumlambo aya kuwo sekuhlwile.√ (4)

13.5 Kulomelezile kuba ukudibana kukaDeliwe nomthandazo wexhegokazi woluleka umqolo baze ababemngcikiva bacela uxolo, sebembungezelela.√√ (2)

13.6 Ulwele amalungelo oluntu lwaseMzantsi Afrika.√√ / Kukunceda abangenamandla okuzinceda. (2)

13.7 Kukuba enze ukuba imfundo ingakhethe bani.√/ Kukuba imizabalazo yakhe ibe nesiphumo esizizikolo ezingakhethe bani.√/Umbongo uthi usindise abahlolokazi ngokufundiswa kwabantwana babo.√/Usindise iinkedama ngokulwela ukuba zifundiswe.√
(Nasiphi na isibini) (2)

13.8 USteve Biko unyusela kwinqanaba elingentla impixano engobuthandazwe nengcinezelo ekwesi sibongo ngokuthi azise isisombululo sengcinezelo ekhoyo bude ubuthandazwe buwaphule amandla engcinezelo.√√ (2)

13.9 Isikhahlelo, A! Steve Biko.√/Ukungalingani kwezitanza.√/Imvano siqalo.√ ukubongwa nokunconywa komntu ngemisebenzi yakhe.√/ Kubongwa iqhawe. Isikhahlelo esivula sivale umbongo A! Mzantsi- Afrika!/ Impinda A! Mzantsi Afrika!/ ufunwa ukufundwa ngemvakalozwi ephezulu.
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

13.10 Lutsha lwanamhlanje ilizwe ndilibuyisele kuni thathani uxanduva nihambe kwikhondo lam kuba indlela ndiyihlahlile.√√/Lutsha lwanamhlanje hlukanani nokuyifuna ukuyifumana sele ibekwe esosini imfundo, fundelani ukukhusela uMzantsi Afrika ngayo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

13.11 Kukuba umfundi wombongo azifake ezihlangwini zaso.√√/Usondeza umfundi wombongo ngeemvakalelo kumyalezo wakhe.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqi bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba umnqweno ongenelelweyo womlinganiswa uyafadalala ade achitheke xa umnikazi engenamandla wokuwukhusela. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguGugulethu.

- UGugulethu unomnqweno wokutshata intombi ayithandayo. Ikhaya lakhe linomnqweno lona wokufumana umfazi othandwa likhaya, ikhaya lizathuza ngezalo iimpawu zomfazi elimfunayo noGugulethu ezathuza ngezakhe iimpawu.
- Umnqweno ukhula ngakumbi asakuvunywa nguNomaMpondomise ngexa ebesele exelelwe ukuba usexabisweni lokuthatha umfazi. Umnqweno kayise nonina wahlukile kowakhe malunga negama lentombi amakayitshate.
- Umnqweno wakhe womelezwa kukukhutshwa kweenkomo zikaMcunukelwa ngeenjongo zokwamkela isicelo sakhe somtshato.
- Uthezeka amandla ebewafumene kwileta kaNomaMpondomise kusakuqhekeka aMaHlubi, ezalela endle uyise emisa ngesiko alilandelayo. Ukukhalala kwamaHlubi kukona kumtheza amandla atsho angaqiniseki ngaMaHlubi. NoZwilakhe umisa ngamazwi amakhulu angumqobo kwiminqweno yakhe athi akanakuze ajike nokuba angachasa ade alale ngomhlana.
- Uyafadalala sele evuselelwe amandla akhe lungenelelo lukaMzamo omxhasayo athezeke amandla kwakhona kuba uyise akalingene elikaMzamo aqalise abone iindudumo zasemoyeni. Ude unesikhalo sokuba uNomaMpondomise sele zikhuphile iinkomo zikaMcunukelwa.
- Ukuzama kwakhe ukukhusela umnqweno wakhe uvuka necebo lokungasayini ecaweni xa etshatiswa noThobeka. Uyawungenelela lo mnqweno uZwilakhe ngenjongo yokuphumeza owakhe umnqweno emsayinela ecinga ukuba uyalungisa kanti uyamphephetha umntwana.
- Uthezeka amandla ngakumbi xa nomfundisi esoyisakala kungenelelo olumthethelelayo ngokuvumela ukuba kude kusayine uZwilakhe kube kutshata uGugulethu yena.
- Ngenxa yokungabinamandla okukhusela umnqweno wakhe elinye icebo avuka nalo lelokushiya ikhaya iminyaka elishumi elinesibini ehleli eMthatha eshiya uThobeka ngasemva. Neli lifadalaliswa kukungenelela kukayise ethubeni emva kweminyaka eli-12 ngokuthumela uThobeka eMthatha aguquke umntwana abengumbulali.
- Uthezeka amandla lityala lokwaphula isithembiso somtshato ngokumangalelwa nguNomaMpondomise, angabinamandla okukhusela umnqweno wakhe ngokusindisa uNomaMpondomise de abe uzintywilisela emlanjeni ufadalale umnqweno wokuba ngumfazi wakhe. Uyaguquka uGugulethu abe ngumzili weminyaka.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Ubomi bakhe buchitheka xa liphanza necebo lokunxiba iimpahla ezimnyama esithi unyusa amandla akholelwa ukuba ukuzila kummanyanisa nomfazi wakhe uNomaMpondomise. UZwilakhe ungenelela ngokuthumela uThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu eMthatha.

- Uhlala iminyaka eMthatha ezikhwebula kubantu abangenelela ngeminqweno yabo kowakhe, enenkolo yokuba ukunye nomfazi womnqweno wakhe uNomaMpondomise ngokomoya.
- Ukufika kukaThobeka okungumnqweno kayise wokumdibanisa naye kumtheza amandla wokukhusela umanyano lwakhe noNomaMpondomise.
- Ayaphela tu amandla wakhe ebemana ewaqweba, uyafadalala, achitheke ngokujika abengumbulali, abulale uThobeka nabantwana bakhe, aze agwetywe intambo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WT Tamsanqa**

15.1 NguZwilakhe.√/NguMaGaba.√/NguMcothama.√/NguLangeni.√/NguManyawuza.√/ nguMadongwe.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

15.2 Luluvo lokwahluka kweembono zabatsha nabadala ngesithethe sokubonela.√√/ luluvo olungesiko lokubonela nesenzo sokuzikhethela intombi ethandwa nguye. √√// luluvo lokutshintsha/ lokwahluka kwamaxesha olwenza ungqzulwano phakathi kolutsha nabantu abadala ngenxa yesiko lokubonelwa nokuzibonela. √√/ (2)

15.3 '... ngokurhawula igqaza'√, sinefuthe lokunonga intetho√/nokufihla okanye ukubiyela intetho ukuba ihlale phakathi kwabo bengabahlobo.√/Lokutyhila ukuba esi sibini sinolwimi olulolwabo bodwa nanjengoko bengabahlobo.√
(Nayiphi kwezi) (2)

15.4 Isimo sentlalo esikukwahlulelana kwamaxesha√ sidala iyantlukwano ngokweembono zabadala nabatsha malunga nokukhethelwa nokungakhethelwa undofanaye.√ /Siyiphembelela ngokuthi sifukame iyantlukwano √malunga nokukhetha umfazi ngothando ngeli xesha abadala bemkhetha ngekhaya azalwa kulo.√ / Ukwahlukana ngokukhetha umfazi √ ngembonakalo nangemvakalelo bengasebenzisi uthando kwenza ukuba kudaleke ukungavisisani. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.5 Uvakalelo lokonwaba,√/ Uvakalelo lokwendela kothando analo./uvakalelo lothando olungapheliyo√/ kuba ukuphindaphindwa kwegama ndamthanda nale thoni ifundeka ngayo kubethelela ubunzulu bothando esasinalo isithethi.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.6 Umxholwana wothando olubonakaliswe nguGugulethu kuNomaMpondomise lubengunobangela wokuba angabathobeli abazali bakhe aze azibone sele engumbulali.√/Uthando lukaNomaMpondomise kuGugulethu lumbangela ukuba akhuphe iinkomo zikaMcunukelwa.√/Uthando lwabazali bakaGugulethu kuThobeka bemthandela uGugulethu lubangela ukuba uThobeka abulawe nabantwana bakhe nguGugulethu.√/Zombini ezi meko ziphelela kwindyikityha yokufa kwabalinganiswa abanguGugulethu, Thobeka, noNomaMpondomise kule drama.√/ Uthando lukaMcunukelwa kuNomampondomise lukhokelele kwisabatha esibangele ukuba uNomaMpondomise azeyelisele emlanjeni.
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (3)

15.7 UZwilakhe akamvumeli uGugulethu ukuba atshate intombi ayithandayo nokuba sele ecengwa ecetyiswa kuba ufuna atshate intombi ethandwa nguye.√/UZwilakhe akalithathi ilizwi lamaHlubi ngoku sele ebona ukuba aza kumkhalala.√/Uyamtshatisa uGugulethu sele ezibophe isandla ezikhusela ekutshatisweni nguye ngenxa yokufuna ilizwi lakhe lime.√/Uthumela uThobeka eMthatha esazi ukuba uGugulethu akamamkelanga njengomfazi wakhe.√/ UZwilakhe usengela phantsi izimvo zikaMfundisi ecaweni xa emcebisa ukuba amyeke umfana azikhethele intombi afuna ukuyitshata√/ Iingcebiso zikaMzamo uzibona njengendelelo. √/ Sele ecetyiswa ngumfundisi uqhubeka neenkani zakhe/noMzamo azamkelwa iingcebiso zakhe. √
(Nasiphi isibini esichanekileyo) (2)

15.8 Lilubethelela ngamandla okuqweqwedisa elibanawo kwakuphindaphindwa kujikwajikwe isiqu salo/Lilubethelela ngokuthi lakusetyenziswa likwiimo ezahlukeneyo livakale likrokrisa entlanganisweni ukuba uZwilakhe unenjongo yokunganyaniseki kwimpendulo yakhe.√√/ Kubethelelwa ukunganyaniseki kwakhe. √√ (2)

15.9 Sesokunyanzela ukuba uGugulethu atshate uThobeka ngoku ezibonakalisa ukuba akamfuni.√/ Sesokuthumela uThobeka kuGugulethu lo uzile ikhaya ngenxa kaThobeka.√/ Sisenzo sokuthumela amaHlubi ukuba aye kulobola uThobeka ngoku esazi ukuba uGugulethu akavumanga. √/ Uthi umfundisi emnqanda athi makaqhube√/Uyamsayinela emtshatweni xa ebophe isandla esithi wonzakele. √.
(Nasiphi isibini esichanekileyo) (2)

15.10 Ndiyaxhasa kuba uZwilakhe ebelandela umyalelo kaMaGaba nesigqibo sakhe noMaGaba oko kungqina ukuba ebesele ezimanyile ngoku kuthethwayo.√√ (2)

15.11 Akalandelanga ndlela isemthethweni kuba ukubulala akukho mthethweni konke konke.√√ (2)

15.12 Isiganeko sokufa kukaNomaMpondomise ibesisiphumo sokusetyenziswa gwenxa kwesiko lokubonela kuba uzibulele akuva ukuba utshatile uGugulethu ebemkhuphele iinkomo zikaMcunukelwa.√√/Isiganeko sokufa kukaThobeka nabantwana bakhe ibesisiphumo sokunyanzeliswa ukutshata uGugulethu angamthandiyo.√√/ Ukutshintsha kwesimilo kuGugulethu de axhomane noyise ngemibuzo okokuqala ebomini bakhe ngenxa yeli siko/Ukunyanzelwa kwesiko kwenze uGugulethu wabangumbulali.
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqin bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba umnqweno womlinganiswa ongenelelweyo uyafadalala ade achitheke yena xa umnikazi engenamandla wokuwukhusela. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMamQhinebe.

- UMamQhinebe unomnqweno wokwahlukana nendlala nentlupheko emthwaxayo, ngelishwa umnqweno wakhe uyafadalala ngenxa yongenelelo lweminqweno yabanye abalinganiswa abafana noDlezinye, uMagrazula, uMaqhikizane noSiqhiwu.
- Umnqweno wakhe wokuqala wokuphuhlisa ikhaya uyaphumelela ngokufundisa uSiqhiwu aphumelele.
- Umnqweno wakhe ufadalala xa athi akugqiba ukufundisa uSiqhiwu nzima angafumani msebenzi ngenxa yongenelelo lomnqweno kaMaqhikizane wokunyobisa.
- Uthezeka amandla ngumnqweno kaSiqhiwu wokufumana umsebenzi ngendlela esemthethweni.
- UDlezinye uyangenelela ngowakhe umnqweno wokwenza imali ngolwaphulomthetho atsho amnike icebo elikhawulezileyo lokwenza imali nelimenze wanomnqweno woyokuhlala eNorth Crest.
- UMamQhinebe akabinamandla okuzikhusela kwindlela obuza ngayo ubutyebi, atshintshe ade ayokufakwa isibindi ngokuqiniswa ukuze awulungele umsebenzi wokuba iintsana.
- Ukhulisa amandla wakhe kulo msebenzi ngokulukuhla uMaGatyeni kulo msebenzi atsho abenehlakani.
- Ulahlekelwa yintembeko kuSiqhiwu ngokusuka abenesimilo esitsha nesingaqondakaliyo sokusoloko elahleka abuye enemali.
- Umnqweno wakhe umenza azibone esenza izinto ezimasikizi ezifana nokugqebha abantu entloko ngehamile, ukuba iintsana zabantu, kude kubhalwe kwiphephandaba elifikele ezandleni zikaSiqhiwu nasigxeke ngokungenalusini esi senzo engazi ukuba nguMamQhinebe oba iintsana.
- Umnqweno wokuphuma kwintlupheko umenza angakwazi nokukhusela isidima sakhe alibale nemiqathango yomanyano loomama lwasenkonzweni ebinokumkhusela kulwaphulomthetho.
- Ukungabinamandla okukhusela umnqweno wakhe kuwenza ufadalale ngokuzibandakanya kulwaphulomthetho lokuba iintsana noluthe lwamchitha akafumana nobo butyebi atsho abanjwe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLAL'INAMANYALA – M Lamati**

17.1 NguSiqhiwu.√/NguSiphokazi.√/Kumahlwempu.√ (2)

17.2 Zezokuba uMaqhikizane efuna ukuhoya amahlwempu ngokwahlukileyo kwizinhanha abe yena uSiqhiwu enoluvo lokuba abantu bahoywe ngokufanayo.√√/Zizimvo zokuba kuMaqhikizane ukuhleleleka kusisizathu sokungahoywa kwamahlwempu ngeli xesha ngokoluvo lukaSiqhiwu i-ofisi ibekelwe ukuba ihoye abantu ngokufanayo.√√ (2)

17.3 'Kulungile ke kumkani,'√ inefuthe lokumjongela phantsi nokumbeka endaweni yakhe yentlupheko.√/Lokumenza azive engabalulekanga.√
(Nayiphi kwezi zizathu) (2)

17.4 Isimo sentlalo sentlupheko√ siyiphembelela ngokuthi abantu abahluphekayo babengamaxhoba wabantu abanyolukileyo nabarhwaphilizi abafanele ukubakhupha endlaleni.√/Siyiphembelela ngokuthi sifukame iyantlukwano phakathi kwabantu abahluphekayo nabangahluphekiyo. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

17.5 Uvakalelo lokucaphuka√ kuba isigama esithi akukhathaliseki nokuba ungubani, nokulanda isizathu sokuqeshwa kukaThembinkosi lulwimi lokuvakalisa umsindo.√ (2)

17.6 Umxholwana wobuqhophololo bukaMaqhikizane√ bokuthengisa imisebenzi√ bubangele ukuba abanjwe.√/Umxholwana wobuqhophololo obukuMagrazula namahlakani akhe√ ubangele ukugawulwa kweentsana ziphila.√/Umxholwana wobuqhophololo obukuMaqhikizane√ ubangele ukutyhafa kolutsha olungafumani misebenzi.√/Owobuqhophololo bokubiwa kweentsana nguMaGatyeni noMamQhinebe√ bushiya iindwane kumakhaya abehleli esokola√ kakade xa abazali bebanjwa ngenxa yobuqhophololo.√
(Nasiphi isithathu kwezi) (3)

17.7 Ulilandele uDlezinye ngokukhukhulisela uMamQhinebe kumsebenzi ombi wokuba iintsana yena athathe ngokuzuza engenzanga nto.√/UDlezinye ufumana intlawulo ngomsebenzi kaMamQhinebe noMaGatyeni akugqiba angabanjwa.√ (2)

17.8 Ngokuthi ukulibiza rhoqo igama 'ixhego' kukrokrise ekubeni kunento okuyibethelelayo ngoDlezinye okanye oluyisosayo angathi kanti uyiyo uDlezinye√√/Angathi kanti uDlezinye ulibiza rhoqo kuba efuna ukuba kukholelwe ukuba ulilo ixhego.√√/ Ukunokoza igama elithi xhego kuyakrokrisa ukuba akanyanisekanga. √√ (2)

17.9 Lilizwi aza kulenza ukuba libelelexhego√ nobuso obenziwe nguMalunyawana ukuba bubebobexhego.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.10 Ndiyachasa ukuba akuzalisekanga okuthethwa nguDlezinye kuba ubanjwe uMamQhinebe engekazikhuphi kwimbandezelo yentlupheko/akathunywanga nguThixo, uthunywe nguMagrazula ngokwebali/uthunywe yeyakhe indlala.√√ (2)

17.11 Akalandelanga ndlela esemthethweni yokuzikhupha kwindlala uMamQhinebe kuba ukuthengisa iintsana sisenzo esingekho mthethweni.√√ (2)

17.12 Isiganeko sokubiwa kosana lukaNoziphongo nguMamQhinebe noMaGatyeni ngesizathu sokususa ikati eziko nokubanemizi eNorth Crest luluhlu lwezenzo ezingamkelekanga ziyenze iindlela abayikhethayo yokuzikhupha endlaleni ibegwenxa ngolo hlobo.√√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | 5–6 | 4 | 3 | 2 | 0–1 |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, nokuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ibonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/ umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye izimvo zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi azamkelekanga konke-konke nesimbo asichanekanga |
| **AMANQAKU** | 4 | 3 | 2 | 1 | 0-1 |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>- Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5-6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe zenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA: Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
**Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**